Isalathiso: 20201119-9695
Inombolo yefayili: 3/1/3/1
Imibuzo: ABaphathi beeSekethe

ISetyhula: 0047/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *Ukubonelelwa kwezikolo ngamanani ezithuba zabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezemfundo eneemfuno ezizodwa ngo-2021*

Isihloko: **Ukubonelelwa kwezikolo ngamanani ezithuba zabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezemfundo eneemfuno ezizodwa ngo-2021**

1. Ukuhlaziywa kwamanani ezithuba ezabelwe izikolo zabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezemfundo eneemfuno ezizodwa ukulungiselela ithuba elisusela nge-01 Apreli 2021 ukuya kwi-31 Matshi 2022, kwakwenziwe ngokungqinelana nemimiselo nemigangatho evunyiweyo.

2. Oku kuhlaziywa sele kukhankanywe apha ngaphambili kweenziwa ngokwale migqaliselo ilandelayo:
   a) Ukugcina uzinzo ezikolweni ukwenzela u-2021; kunye
   b) Nokumisela ukuchaphazeleka kwemeko yezemali kukwandiswa kwesabelo-mali sabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente ngokungqinelana nesabelo sebhajethi sango-2021/22 senkqubo-sikhokelo senkcitho-mali yethuba eliphakathi *(medium term expenditure framework)*;

3. Ngenxa yeemeko zezemali ezingumngeni zangoku kwibhajethi yembuyiselo yabaqeshwa yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*), kwagqitywa ekubeni kugcinwe inani labasebenzi bakarhulumente langoku elabelwe ukulungiselela unyaka-mali ka-2021/2022. Nakuba kunjalo, kubalulekile ukuba bonke abasebenzi

basetyenziswe ngokupheleleyo, yaye oko phakathi kwezinye izinto, kukwafuna ukuba kumataniswe yaye kufakwe abasebenzi abangaphezu kwemfuneko kwizithuba ezingenamntu.

4. Xa kunokwenzeka ukuba kubekho izithuba ezisisigxina ezingenamntu, abaqeshwa abangaphezu kwemfuneko baya kuqwalaselelwa ukuqeshwa kuqala ekumataniswe nasekufakweni kwabo kwizithuba ezilolu hlobo phambi kokuba kunikwe imvume yokuzaliswa kwezithuba zemvumelwano.

5. ISebe i-*WCED* liya kukuvuma ukudalwa kwesithuba somsebenzi onika inkxaso wenkonzo karhulumente ukwenzela ukufakwa komqeshwa (kwabaqeshwa) ongaphezu kwemfuneko, kuphela apho isikolo sikarhulumente esiqhelekileyo/isikolo semfundo eneemfuno ezizodwa sifanelekile ukuba sibe nesithuba/nezithuba zabasebenzi abanika inkxaso kwinkonzo karhulumente, ngokwemimiselo nemigangatho evunyiweyo, yaye sinaye umqeshwa (abaqeshwa) wenkonzo karhulumente ongaphezu kwemfuneko, novumayo ukufakwa kweso sikolo.

6. Amanani ezithuba ezabelwe izikolo zabasebenzi abanika inkxaso benkonzo karhulumente ukulungiselela u-2021 aya kupapashwa kwi-*CEMIS* phantsi ko-"*Administration*" ngowe-26 Novemba 2020.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-11-25